SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## NKANGA 2025

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 100**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-18.**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI**

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo mayithathelwe ingqalelo. Eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola.

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Nangona umviwa ekhuthazwa ukuba abhale inombolo nesihloko sombuzo kuyacetyiswa ukuba othe waphazama akasibhala isihloko enombole ngokuchanekileyo anganyityelwa manqaku.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: Intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Iimpawu zefomathi nezodidi lwetekisi mazichaneke.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Xa umviwa edlulisile kwinani lamagama amiselweyo kwimpendulo yakhe makanganyityelwa manqaku kuba irubrikhi sele iziqingqile izohlwayo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA

### ICANDELO A: ISINCOKO

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko ifumaneka kwiphepha le-16 ukuya kwele-17 lesi sikhokelo sokumakisha.

| IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO | |
|---|---|
| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** |
| UMXHOLO NOCWANGCISO | 30 |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 15 |
| ISAKHIWO | 5 |
| AMANQAKU EWONKE | 50 |

### ICANDELO B: IMIHLATHI

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-18 lesi sikhokelo sokumakisha.

| IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO | |
|---|---|
| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** |
| UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI | 15 |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 10 |
| AMANQAKU EWONKE | 25 |

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.

2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

**QAPHELA:**

- Iifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

**QAPHELA:**

- **Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa <u>kuphela</u> njengesikhokelo kubamakishi.**
- **Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala naluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi ngesihloko asikhethileyo.

## IIMPAWU ZESINCOKO

**Isincoko esibalisayo:**

- Masisebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.
- Masibonise ulwazi ngesihloko esikhethiweyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace kwezo zingunobangela wezinye, kungenjalo sisebenzise izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/sokugqibela.
- Sisebenzise amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha, nezinye.
- Sisebenzise intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa xa kufuneka njalo.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube loludala ifuthe nochukumiseko kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

**Isincoko esichazayo:**

- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sinokusebenzisa ixesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, nezokuphuhlisa ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

**Isincoko esicamngcayo:**

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso – ntelekelelo, izihlomelo, nezokuphuhlisa ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Isincoko esixoxayo:**

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

**Kwisincoko esivelela amacala omabini:**

- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni kwawo, kodwa masilunike olombhali wesincoko uluvo xa sivala.
- Sikuxoxela okuthile sichasa/sikwavuma sikwanika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Masibonise ulwazi ngesihloko nangomba ekuxoxwa ngawo.

**UMBUZO 1**

1.1 **Sakhangela, sakhangela, uvalo lungongoza, gqi yena encumile**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**

- Singalibali losuku olunye /lweentsuku/nyanga eziliqela zokukhangela.
- Singachaza/sibalisa amahlandinyuka kuphicwa ndawo yonke.
- Makuvakale inkxalabo yokukhangela kungekho mkhondo kunye novakalelo akuvela oncumileyo/encumile.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adluleyo ngokushiyana kwezehlo.Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso enenjongo yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.2 **Iitshomi**

Isincoko singachaza/balisa/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**

- Singangendlela iitshomi azibona ngayo obhalayo.(izimvo/iimbono/ imvakalelo ngazo/ukuchaphazeleka/amava) (ukulunga okanye ukungalungi/ifuthe/imbali)
- Singangeendidi zazo, ubungozi nokhuseleko oluziswa ziitshomi.
- Singangamacala amabini azo (ukulunga nokungalungi).

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi oluhambelana nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nodidi lwesincoko esikhethiweyo, isigama siqhube/siphembelele umyalezo wobhalayo ngesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Ithoni eqhuba ukuchaphazeleka kobhalayo kumba athetha ngawo.
- Ulwimi oluchukumisayo, izichazi, izihlomelo, izifanekisozwi ezidala umfanekiso novakalelo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokutsala iinkumbulo ngenjongo yokudala umfanekiso.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.3 **Akuziwanga kwezo zinto apha! Umntu ...**

Isincoko singacamngca/balisa/chaza//xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**

- Singangezenzo ezingavumelekanga/ezingancedisiyo/ezingakhulisiyo/ ezingalunganga/ezinqandayo kanti nesiqhelo esifuna ukukhalinyelwa.
- Sicacisa indlela eya/esa phambili kokulungileyo/kokwakhayo/ kokuncedisayo/utshintsho olufunekayo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]
**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adluleyo ngokushiyana kwezehlo zezenzo namaxesha ezayo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo eziquka ezokukhuza isenzo. **[50]**

1.4 **Kunyanisiwe, uvuna okulimileyo**

Isincoko singacamngca/balisa/chaza/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**
Singayimeko/ibali lemini enye/leemini eziliqela/isiganeko/iziganeko ezingeziphumo zezenzo ezihle okanye ezibi.

- Singangeziphumo ezilindelekileyo xa kujongwe izenzo zobhalayo.
- Singangentlungu eyehle ngenxa yokwenza kwakhe okubi.
- Singangokuhle okuzayo ngenxa yezenzo zakhe ezihle.
- Singayingxubevange yezinto kumhlathi nomhlathi ezidlulisa ukuba iziphumo zixhomekeke kwizenzo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adluleyo ngokushiyana kwezehlo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.5 **Kuqala yiphi, kugqibele yiphi impumelelo nokuzinikela?**

Isincoko singaxoxela amacala amabini/sicamngce/xoxele icala elinye/ balise/chaze. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**

- Singaphawula ngokungabikho komahluko noxhomekeko olumacala phakathi kwempumelelo nokuzinikela.
- Singangezixhobo ezinokuzisa impumelelo/ukuzinikela/impumelelo nokuzinikela.
- Singaphawula ngokubaluleka kwempumelelo ngaphezu kokuzinikela.
- Singaphawula ngokubaluleka kokuzinikela ngaphezu kwempumelelo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]
**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adluleyo ngokushiyana kwezehlo.
- Imo yokungathiza igqamile nentethongqo apho kuyimfuneko.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.6 **'Nathi yeyethu ibhajethi ... Masibandakanywe'**

Isincoko singaxoxela icala elinye/balisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**
- Singatyhila amava okungabandakanywa kwibhajethi neziphumo ezibi zako/ imfuneko yokubandakanywa kwibhajethi ngezimvo.
- Singayinkcaza/ucamngco ngeziphumo ezililisayo nezonwabisayo zendlela esetyenziswa ngayo ibhajethi/isicwangciso semali.
- Singangenkqubela phambili okanye ubuyomva malunga nokusetyenziswa kwebhajethi.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.
- Amaxesha ezenzi achanekileyo ngokushiyana kweemeko.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.7 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**
- Singalibali lemini enye/isiganeko/semini yonyaka wama-2025/ singayinkcaza yemini/yonyaka wama -2025
- Singangeenkumbulo/iimvakalelo ezimnandi/ezimbi ezingowama-2025 eziziswa zingcinga zokwehlileyo ngalo nyaka
- Singangesifundo osifunde kumahlandinyuka wonyaka wama-2025.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adlulileyo ngokushiyana kwezehlo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo. **[50]**

1.8 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye. (Jonga iimpawu zesincoko kwiphepha 4–5)
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/izixube iintsingiselo zempendulo.
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

- Masicace ukuba sibhalelwa ukuba singafundwa nangubani kungabikho kurhwexa nabuntloni kokubhaliweyo.

**Umxholo:**

- Singangeemeko zokuhlala ngenxa yemozulu ezisa izantyalantyala zeemvula/sibengonxunguphalo olubangelwa lutshintsho lwemozulu/ singangokunqongophala kwendawo yokuhlala kwabantu ngenxa yemfuduko yokusuka ezilalini kuleqwa imisebenzi namadlelo aluhlaza ezidolophini.
- Singachaphazela iimeko ezimbi zempilo kwiindawo ekuhlalwa kuzo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

- Amaxesha ezenzi adluleyo ngokushiyana kwezehlo.
- Ingxelontetho nentethongqo ziyamkeleka kwimiboniso yokudala umfanekiso.
- Ulwimi oluchukumisayo, oludala umfanekiso novakalelo.
- Iimpawu zobhalo nezopelo oluchanekileyo. **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: IMIHLATHI

## UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude beempendulo nganye mabube li-100-120 lamagama umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

### 2.1 ILETA ESESIKWENI

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Iidilesi zimbini eyombhali kwicala lasekunene ze eyombhalelwa ibekwicala lasekhohlo.
- Igama lesitalato, ilokishi nedolophu zibhalwa ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezI).
- Umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngawo mawubhalwe ngasezantsi kwedilesi. (inyanga mayibhalwe ngokwamagama ingengawo amanani umz. 30 Novemba 2025)
- Mayishiye umgca phakathi kweedilesi.
- Mazingasetyenziswa izingxi kwidilesi, isibuliso nesiphelo.
- Isibuliso esibhalwe ngesiXhosa masihambelane nombuzo kunye nomntu athunywe ukuba ambhalele.
- Mayishiye umgca emva kwesibuliso.
- Mayilandelise ngomcimbi (ukrwelelwe umgca ngaphantsi xa ubhalwe ngoonobumba abancinane.)
- Isiphelo sibeseseleta esesikweni size silandelwe yifani noonobumba-magama ombhali.
- Kubhalelwa usihlalo weqela lamavolontiya uQinamhlali**.**
- Injongo kukubulela iinzame azenzileyo amavolontiya nendlela awusingethe ngayo umsebenzi wokuseka ingxowa mali yokuncedisa kwimfuno zezifundo ezongezelelweyo.
- Umhlathi wokuqala mawunike intsusa nezizathu zokubhala.
- Umhlathi olandelayo mawukhulise umxholo wokubulela umzamo weqela lamavolontiya.
- Umhlathi wokugqibela unamazwi okuqukumbela.
- Isakhiwo siquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Mayisebenzise ulwimi olusesikweni luvakale lusulungeke.
- Ithoni nerejista mazihambelane nombuzo okanye nenjongo.
- Ulwimi malusulungeke, luvakale.
- Ubhalo maluvakale, luyondelelane, lucace lubesemxholweni. **[25]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

2.2 **I-OBHITSHUWARI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Mayibhalwe ngohlobo lomhlathi ibenaso nesihloko.
- Ibhalelwa abantu abamaziyo umfi nabazimase umngcwabo.
- Injongo kukwenza isaziso ngokufa, kukunika amagqabantshintshi obomi bongasekhoyo, neempembelelo zakhe kubabukeli nokwenza uvelwano kwabaseleyo ngokushiywa ngumlinganisi omele ubulungisa kwifilimu ayithandayo.
- Kumhlathi wokuqala kwenziwa isaziso malunga: nokusweleka kukamfi: igama lakhe aziwa ngalo, umhla wokusweleka kukamfi, ubudala nokunye okubalulekileyo.
- Umhlathi olandelayo: uhlomle ngegalelo lakhe, iimpembelelo zakhe ezixhaswa ngebalana elibubungqina besiphiwo/iziphiwo zakhe zokukhusela ubulungisa/nemibutho neefilimu/iindima azibandakanye kuzo njengomlinganisi okhusela ubulungisa kwiifilimu.
- Umhlathi wesithathu/wokugqibela udlulisa amazwi ovelwano kwabalahlekelweyo abangababukeli befilimu nakwikhaya ngokuhambelana nombuzo. Kusenokufakwa nesimemo sokuya kwisikhumbuzo ngobom bakhe.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**
- Kusetyenziswa ulwimi oluchukumisayo/olunondileko/oluhloniphayo noluncomayo.
- Ucaphulo kwiifilimu ebelinganisa kuzo umfi kungawunonga lo mhlathi.
- Iimpawu zobhalo ezichanekileyo.
- Izivakalisi maziphelele. **[25]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Iphephandaba malibenegama.
- Libhalwa ngokomhlathi okanye ngokwekholam.
- Malibenesihloko esazisa umcimbi ngefonti enkulu.
- Malibenesihlokwana ngezantsi kwesihloko negama lombhali malivele ezantsi kwesihloko.
- Umhla wokupapasha mawubhalwe.
- Ibhalelwa nabani na onomdla wokufunda iphephandaba.
- Injongo kukwazisa/kukuncoma uMasincedane ongumbutho wabasebenzi basemakhaya ngokunceda abafundi ngebhasari.
- Malibenemihlathi elandelelaniswa ngomtsalane/idlwengule umxhelo
- Kowokuqala umhlathi makushwankathelwe ngokunika impendulo ka(yintoni eyenzekileyo/ngubani/nini/phi -nakuphi ukulandelelana kwamkelekile)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

- Umhlathi wesibini ucacisa intsukaphi yephulo likaMasincedane wabasebenzi basemakhaya nendlela elisebenza ngayo.
- Umhlathi wesi-3 ungovakalelo lwabahlali/lwabafumana ibhasari kweli qela.
- Owesine uncoma isenzo ngokufutshane unqwenelele iqela umbheka phambili kwiphulo lalo.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**
- Maliveze iingongoma eziyinyani zingafakelwa/zingachatshazelwa ziimbono zombhali.
- Izenzi, izihlomelo ezinamandla nezimelabizo ziyasetyenziswa.
- Ingxelontetho/okanye intethongqo zingasetyenziswa apho kukho imfuneko.
- Kusetyenziswa isigama esichukumisayo nesidala uvakalelo.

Ixesha lesenzi elisetyenziswayo lelangoku ngaphandle kwaxa kukhunjuzwa ngokwadlulayo/okudlulileyo okanye kubhekiswa kokuseza kuhla. **[25]**

2.4 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

I-ajenda nemizuzu luluhlu/isicwangciso semiba eza kuxoxwa kunye nemihlathi.
**I-Ajenda**
- Bhala igama lombutho wabahlali/leqela elibambe intlanganiso,umhla wentlanganiso,indawo yentlanganiso nexesha ebibanjwe ngayo.
- Luluhlu/isicwangciso semiba ekuxoxwa ngayo.
- Ibhalelwa abantu abamenyiweyo entlanganisweni nabanikwa ingxelo.
- Injongo kukwazisa intlanganiso ngemiba eshukuxwayo.
- Imiba ekwisicwangciso iyanonjolwa ngokuhambelanayo nemizuzu.
- Imiba mayilandelelaniswe ngolu hlobo: Ukuvula nolwamkelo; abakhoyo; izingxengxezo zabangekhoyo; ukufundwa kwemizuzu yentlanganiso edlulileyo nolwamkelo yayo; imivuka (imiba engazange ixoxwe igqitywe kwintlanganiso edlulileyo); imiba engundoqo (imiba eza kuxoxwa nesizathu sokubizwa kwentlanganiso) isaziso sentlanganiso elandelayo ukuvala.

**Kwimizuzu yentlanganiso**
- Ngokwenkangeleko ikwimo yemihlathi enezihloko.
- Kugxilwa kuphela kwizigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso.
- Iingongoma zemihlathi yemizuzu mazihambelane neengongoma ze-ajenda oku kuquka indawo ebekubanjelwe kuyo intlanganiso, ixesha ebibanjwe ngayo intlanganiso, abathathi nxaxheba abakhoyo nezingxengxezo.
- Malivele ixesha ephume ngalo intlanganiso.
- Bhala umqulunqi wemizuzu ngokuhambelana nombuzo (Nobhala wombutho ...)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**
- Bhala igama lombutho wabafundi obambe intlanganiso.
- Kwi-ajenda ngamagama wemiba-isenokuba ligama okanye igatya elimel'isibizo.
- Uvumelekile ukuba usebenzise amagama athi 'kugqitywe ekubeni...
- Sebenzisa izenzi ezikwixesha elidlulileyo kwimizuzu.
- Kusetyenziswa ulwimi olundilisekileyo. **[25]**

2.5 **INTETHO ENGEKHO SIKWENI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Mayibenesihloko aza kuthetha phantsi kwaso.
- Yakhiwe ngokomhlathi.
- Ibhalelwa ukuthululwa kubantu abasekliniki.
- Injongo kukudlulisa ulwazi ngokubaluleka kokusela amanzi.
- Umhlathi wentshayelelo mawuthengise ingcamango yokubaluleka kokusela amanzi.
- Mawutsale umdla wabaphulaphuli (Umviwa angenza ibalana/umzekeliso/umzekelo ozalana nentetho le aza kuyenza).
- Mawuzikhankanye kwalapha iingongoma eza kucangcatha kuzo intetho zisukele kwisihloko sentetho/kumyalezo wentetho).
- Mayinxibelelane/inxulumane nabaphulaphuleyo (inokuthetha ngamava/ngemeko/ngesimo esaziwa ngumntu wonke, kwabo baphulaphuleyo).
- Umhlathi olandelayo wentetho mawuquke iingongoma eziphambili zomyalezo ebezikhankanyiwe xa bekusenziwa intshayelelo.
- Isenokugxininisa ngokumana iphindaphinda ingongoma ebalulekileyo phambi kokuba igqithele kwelandelayo.
- Kunokusetyenziswa amabalana ahlekisayo amafutshane/iintetho ezihlekisayo ukugxininisa oko kuthethwayo ngendlela egcina abantu benomdla.
- Umhlathi wokuvala mawushwankathele iingongoma eziphambili ezibubethelela ukuze abaphulaphuli bahlale bezikhumbula.
- Mayibenophawu/ulwimi olubonisa ukuba iyaphela, ifikelele esiphelweni. Umzekelo amagama anjengo-'elokugqiba'/'ndivala ngelithi …

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**
- Kusetyenziswa irejista engekhosesikweni nethoni ngokunjalo kuba amaxesha amaninzi yenzelwa abantu abasondeleyo ingaphethe mcimbi ufuna lundiliseko.
- Ithoni nesigama masihambelane nendawo, injongo nabantu intetho eyenziwa kubo/abayibhalelweyo. **[25]**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

2.6 **IRIVYU**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Ibhalwa ngokomhlathi ibenezihloko.
- Ibhalelwa nabani ongumthengi kwiivenkile zeempahla.
- Mayibeneenjongo zokubizela abathengi beempahla kwivenkile yakwaMju.
- Imihlathi iqulatha izigxekoncomo ngokulandelayo,umgaqonkqubo wevenkile, inkangeleko, amaxabiso, impatho, umgangatho weempahla nendawo ekuyo.
- Mayivakalise izimvo neemvakalelo zomviwa.
- Amava omrivyuwi angundoqo ekwakheni nasekudaleni umnqweno wokuthenga kule venkile yeempahla.
- Mayiveze okuyinyani ingabaxi, okubi nokuhle ngendlela ehloniphayo nenika isidima.
- Mayiphembelele umdla wevenkile kofundayo.
- Mayibalule abantu abafanele ukundwendwela kwaMju ngenjongo yokuthenga nezizathu zoko.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Makusetyenziswe ulwimi nethoni olurhwebeshayo **lungaqweqwedisi**.
- Kubhalwe ngezivakalisi ezipheleleyo.
- Makusetyenziswe isigama sokuchaza esizoba ivenkile/nesidala umnqweno wokuthenga kule venkile.
- Makusetyenziswe izenzi ezikwixesha elimiyo. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za
This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA**<br>Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama esifanelene nenjongo/nesimo sentlalo.<br>Uchongo magama, ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, iimpawu zokubhala, igrama, nopelo.<br><br>15 **AMANQAKU** | **Ingwangwa eliphakamileyo** | **14–15** | **11–12** | **8–9** | **5–6** | **0–3** |
| | | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo.<br>-Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.<br>-Sixongxwe ngobugcisa obukhulu. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela.<br>-Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo.<br>-Sixongxwe kakuhle kakhulu. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br>-Ithoni ifanelekile.<br>-Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka.<br>-Ithoni nochongo magama azifanelekanga.<br>-Isigama sinqongophele kakhulu. | -Ulwimi alunantsingiselo.<br>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo. |
| | **Ingwangwa elingezantsi** | **13** | **10** | **7** | **4** | |
| | | -Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo.<br>-Sixongxwe ngobugcisa. | -Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile.<br>-Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile.<br>-Zimbalwa iziphene zegrama nopelo.<br>-Sixongxwe kakuhle. | -Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.<br>-Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lunqongophele. | -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga.<br>-Kuncinci okanye akukho ukohluka – hlukana kwezivakalisi.<br>-Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo. | |
| **ISAKHIWO**<br>Iimpawu zodidi lwesincoko, ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi.<br><br>**5 AMANQAKU** | | **5** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| | | -Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo.<br>-Iinkcukacha ezigqwesileyo.<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo. | -Iinkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisisiweyo.<br>-Ziyathungelana.<br>-Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene. | -Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemxholweni.<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle.<br>-Isincoko sisemxholweni. | -Kukho amanqaku asemxholweni.<br>-Izivakalisi nemihlathi zineemposiso.<br>-Isincoko sisemxholweni nangona zisekhona iziphene. | -Amanqaku asemxholweni awakho.<br>-Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyubhutyu.<br>-Isincoko siphume kwaphela emxholweni. |

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



**ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| -Impendulo nezimvo.<br>-Ulungelelwaniso lwezimvo.<br>-Indlela yokucwangcisa<br>-Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo.<br><br>**15 AMANQAKU** | -Impendulo egqwesileyo ngaphezu koko bekulindelekile.<br>-Izimvo ziqiqisisiwe zivuthiwe.<br>-Ulwazi lunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo.<br>-Ubhalo lusemxholweni ncakasana.<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo.<br>-Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile. | -Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>Izimvo ziqiqisisiwe.<br>-Ubhalo lusemxholweni.<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo, kubonakala kucace kakuhle kakhulu.<br>-Iinkcukacha zisixhasa ngokuqiqiweyo isihloko.<br>-Ubukhulu becala Ifomathi ifanelekile ineziphene ezingephi. | -Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>Izimvo ziyanelisa.<br>-Ayikho mxholweni ngokupheleleyo.<br>-Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni.<br>-Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo.<br>-Ubukhulu becala iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi. | -Impendulo inokuhambelana okungephi nombuzo Ikwabonakalisa ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi.<br>-Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo.<br>-Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo.<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>-Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga.<br>-Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe. | -Impendulo ebonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Intsingiselo ilahlekile kwaye awukho mxholweni kwaphela.<br>-Ayithungelani kumxholo nezimvo.<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>-Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi. |
| **ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/ imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo.<br>Uchongo magama.<br>Iimpawu zokubhala nopelo.<br><br>**10 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukuko.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo.<br>-Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukuko nangokuchanekileyo<br>-Isigama sichaneke kakuhle.<br>-Ubukhulu becala akukho ziphene. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.<br>-Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi.<br>-kukho isigama esaneleyo.<br>-Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.<br>-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo.<br>-Intsingiselo ilahlekile. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Izele ziziphene yaye iyabhidisa.<br>-Isigama asihambelani nenjongo.<br>-Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa. |



SA EXAM PAPERS
Proudly South African